S.E. Krune Mqhayi "U-1936": *Imvo Zabantsundu* (11 January 1936), page 2

**I-Kresmesi “1936”**

“Uxolo emhlabeni.” Luka 2:14

Uzuko, uzuko ku Thix’ e Nyangweni,
Uxolo, uxolo, uxol’ emhlabeni!
Inkol’ ebantwini nasebantwaneni,
Uxol’ ezizweni nasezintlangeni.

Nanko kamb’ efika uMnini Luxolo!
Ufika lungekho luphelil’ uxolo.
Ufika izizwe zizijahahela,
Ziqumbe, zisilwa zilahla nendlela.

Ufika kakubi kukhandw’ izixhobo,
Ikrele lihamba phandle kwesinxhobo;
Ufika kukubi kuncencez’ igazi,—
Igazi lendoda nomntwana, nomfazi.

Ufik’ amagosa abepheth’ ilizwe,
Evukelen’ onke kwizizwe ngezizwe;
Kungekho sizathu ngaphandle ko mona.
Kwa nokunyoluka, okuzal’ umnqweno[1].

Taru ke, tarhu ke Sonini naniini!
Tarhu ke, tarhu ke, tarhu Gorha ndini!
Kobona kwa Wena sizeyelisele.
Sibambene ngazo sizixakisile!

Sibik’ i Afrika izwe lobumnyama,
Khawuyiph’ intsuku ing’ iyaphaphama.
Ayazi nokhohlo nokunene kwayo,

[1] umnqwena

Ayazi na Thixo ungum Dali wayo.

Ufika nje namhla
Njengel’ a’Komkhulu,
Sithemb’ iziqwenga zezintw’ ezinkulu!
Sithembe ubuntu, sithembe uxolo,
Sithembe uxolo, uxolo, uxolo!

Uxol’ emhlabeni uxol’ ezulwini,
Ezingelosini, uxol’ ezizweni,
’BuKumkani Bakho buza bunoxolo,
Ngoko ke Mhlekazi, uxolo, uxolo.